basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## FEBRUWARI/MATSHI 2012

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2 iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ali-14.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Ulwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.

6. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**UNGAVUMI UKUTSALELWA PHANTSI NGAMAVILA**

1 Mlisela nomthinjana wakowethu kule nyanga uFat Charlie uza kuthetha ngabantu abatsalela abanye ezantsi. Kuzo zonke iindawo ehlabathini uya kusoloko udibana nabantu abafuna ube livila elinolunya njengabo. Abanye bangade bazibize njengabahlobo bakho, kodwa ngabo abaya kuzama ukukudodobalisa. Niyavuya ke njengokuba uFat Charlie eza kuxukusha lo mba uyingxaki enkulu eluntwini lwakowethu?

2 Abantu kaloku badalwe bafana nento elula ekwaziyo ukudada emanzini. Into edadayo xa uyicinezela emanzini iyatshona, kodwa wakuyiyeka iphinde idade ngaphezulu kwakhona, kufuneke ukuba ubophelele ilitye elisindayo kuloo nto ukuze izike. Nasebantwini bakhona abantu abasoloko befuna ukukutsalela ezantsi. Unokubafumana kwezi ndawo zilandelayo: esikolweni, eYunivesithi, emsebenzini, eklabhini okanye ecaweni. Nawe uyazi ukuba oko ubukhula ubusoloko ulunyukiswa ngabahlobo abangalunganga, abakufundisa imikhwa emibi enjengokutshaya, ukusela nokusebenzisa iziyobisi. Abo ke ngabantu abakutsalela ezantsi kwaye kulula ukubabona nokubaphepha.

3 Kubalulekile ukuzikhwebula kubantu abanjalo, kuba wakuba sengxakini akunakugxeka omnye umntu xa uthe wazibandakanya nabo nokuba ungazithethelela uthini. Ukhe wathetha ngezi zinto uFat Charlie ngaphambili, kwaye akazimiselanga kuziphinda, qha ufuna ukuthetha ngabantu abakutsalela ezantsi ekunzima ukubabona nangabantu abanjalo ekunyanzelekileyo ukuba udibane nabo. Abo bantu abayi kukukhuthaza ukuba wenze izinto ezimbi kodwa nabo babe beyingozi kuwe. Ngabona bayingozi kuba kaloku xa uthanda uyakwazi ukuzikhwebula kwimikhwa yokusebenzisa iziyobisi, kodwa aba ngabantu ekunzima ukubabona abakutsalela phantsi ubomi bakho bonke.

4 Sidalelwe ukuba ukuze siphumelele ebomini kufuneka sikwazi ukuzikhupha kwiimeko ezisitsalela ezantsi. Uninzi lwethu lufuna ukusebenzisa izinto ngendlela eya kulwenza luqhubele phambili ebomini. Phofu ke leyo yinto oluzikhethela yona. Ngelishwa ke, phandle apha kukho abantu abangafuniyo ukuqhubela phambili, baphinde bangafuni kubona mntu uqhubela phambili, oko kukuthi baziintshaba zenkqubela-phambili. Aba bantu bendithetha ngabo ke ngabantu abayingozi kwaye unokubafumana naphi na. Esikolweni ngabo abakwenza intlekisa ngenxa yokuba uthabatha inxaxheba ezifundweni ukuze uqhube kakuhle kuzo.

5 Uya kubafumana abantu abanjalo nkqu naseYunivesithi. Abo bantu baya kukuhleka xa usiya kuzo zonke izifundo, yaye uwenza ngexesha umsebenzi wakho wesikolo. Ngaphezulu abantu abanjalo uyabafumana nasemsebenzini. Ebomini xa uzimisele ukusebenza ungahlali nje usonge izandla, bakuthiyela kwaloo nto. Bangakuxelela nokuba 'ungakhawulezisi' ukwenza umsebenzi wakho kuba oko kuza kwenza bona babonwe bengamavila.

6 Singakulwa njani ke oku? Oko ungakwenza ngokomelela nokwazi ukuba xa usilwa nalo mkhwa uya kuzibona womelele. Zazi ukuba ufuna ntoni ebomini, uzibekele izinto ofuna ukuziphumeza. Abantu abagxeka izinto esiziphumezileyo ngamavila anomona esifanele ke ngoko ukuba singawamameli konke-konke. Oku ukubona kakhulu kwiindawo zokusebenza, apho basebenzisa izigrogriso ude uzibone ungathethiswa ngabantu, abanye besasaza amarhe ngawe okanye benzele phantsi umsebenzi wakho.

7 Ungalwa nale meko ngokukhumbula ukuba asinguwe wedwa onale ngxaki, kukho abantu abakufutshane nawe, nonokubhenela kubo, njengomphathi wakho. Zama ukwenza umphathi wakho akwazi ngokumbonisa ukuba uzimisele ukufunda nokwenza umsebenzi ngendlela efanelekileyo. Ukhumbule ukuba oku asikokuzithandisa kuye, yindlela yokuqhubela phambili. Khumbula ukuba abantu abakutsalela ezantsi abangabo abahlobo bakho. Xa besoloko bephepha ukwenza umsebenzi, balahlekisa bani? Bayazilahlekisa kodwa bengaqondi ukuba baphucula ubomi babo babadodobalisayo. Ngenye imini baza kubona bebashiye ngasemva abantu ababezama ukubatsalela ezantsi. Sonke sikhe sizibone sikwiimeko esingathi asinakuphuma kuzo, size sinqwenele nokuba nabanye abantu bazibone bekwiimeko esikuzo, kodwa yazi oku, impumelelo yomnye umntu asiyiyo ekwenza ungaphumeleli. Impumelelo yomnye umntu ingakukhuthaza, ikwenze ufune ukufana naloo mntu uphumelelayo itsho ke loo nto ikwenze nawe uphumelele. Uyoyisakala xa uvumela ukungenwa bubuvila uze uqale ukugxeka abanye abantu ngengxaki yakho. Kunzima ukunqwenela impumelelo yomnye umntu xa wena ungaphumeleli uze ubone omnye umntu esiba nethamsanqa kodwa kufuneka usoloko uzixelela ukuba impumelelo yakho ayindenzi mna ndingaphumeleli.

[Sicatshulwe kwi-*BONA* ka-Oktobha 2008, amaphepha 89–90 saza sahlelwa]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 UFat Charlie uza kuthetha ngantoni kule nyanga? (1)

1.1.2 Chonga kwisicatshulwa isivakalisi esiphuhlisa ukuba abantu abafuna ukuba ube livila bafumaneka kuyo yonke indawo. (1)

1.1.3 Ingaba umbhali uzama ukusixelela ntoni ngabahlobo xa esithi,

'Abanye bangade bazibize njengabahlobo bakho, kodwa ngabo abaya kuzama ukukudodobalisa'? (1)

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.4 Khankanya indawo ibe NYE onokubafumana kuyo abantu abasoloko befuna ukukutsalela phantsi. (1)

1.1.5 Nika umkhwa ombi ube mNYE onokuwufundiswa ngabahlobo abangalunganga ngokwesicatshulwa. (1)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.6 Igama 'ukuzikhwebula' elisetyenziswe kwisicatshulwa lithetha ukuthini? (1)

1.1.7 Khankanya udidi lube luNYE lwabantu uFat Charlie afuna ukuthetha ngabo (1)

**Jonga kumhlathi 4**

1.1.8 Ingaba yinyani okanye luluvo ngokwesicatshulwa ukuba:

'Sidalelwe ukuba ukuze siphumelele ebomini kufuneka sikwazi ukuzikhupha kwiimeko ezisitsalela ezantsi.' (1)

1.1.9 Chaza iindidi zibe mBINI zabantu abaziintshaba zenkqubela phambili. (2)

1.1.10 Sizathu sini esibangela ukuba aba bantu kuthethwa ngabo apha ngasentla bakwenze intlekisa esikolweni? (1)

**Jonga kumhlathi 5**

1.1.11 Yintoni ekwenza intlekisa kwaba bantu bakutsalela ezantsi nkqu naseYunivesithi? (1)

1.1.12 Khetha impendulo echanekileyo.

Ibinzana 'ukungahlali nje usonge izandla' lithetha:

A Ukusoloko uthandaza.
B Ukusoloko unento oyenzayo.
C Ukusoloko uhleli usong'izandla. (1)

**Jonga kumhlathi 6**

1.1.13 Khetha into ibe NYE kwisicatshulwa onokuyenza ukuze usinde ekutsalelweni ezantsi ngamavila. (1)

1.1.14 Xela iindlela zibe mBINI azisebenzisayo amavila emsebenzini ukukutsalela phantsi. (2)

**Jonga kumhlathi 7**

1.1.15 Nika intsingiselo yegama 'ukulwa' ngokwasesicatshulweni**.** (1)

1.1.16 Uyavuma okanye uyala ukuba umphathi wakho angaluncedo kuwe xa usengxakini? Xhasa impendulo yakho ngokwesicatshulwa. (1)

1.1.17 Cacisa okuphuhliswa sesi sivakalisi silandelayo:

'Impumelelo yomnye umntu ingakwenza nawe uphumelele'. (1)

1.1.18 Uziva njani xa ubona omnye umntu esiba nethamsanqa lokuphumelela? (1)

1.2 **ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Ucatshulwe kwi-intanethi www.cartoon.co.za waza wahlelwa]

1.2.1 Babonakala bekweyiphi indawo abantu abakule khathuni? (1)

1.2.2 Xhasa impendulo oyinike ku-MBUZO 1.2.1 ngento eNYE ecacileyo oyibona kwikhathuni. (1)

1.2.3 Ngubani lo uzotywe wamkhulu kule khathuni? (1)

1.2.4 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo. Injinga ngumntu ...

A ofundileyo.
B obalasele kwinto ethile.
C ongenalwazi. (1)

1.2.5 Xa ujonge le khathuni kutheni umntu B, eqwalasele umntu A? (1)

1.2.6 Sesiphi esi sifundo senziwayo kweli gumbi? (1)

1.2.7 Uthi yintoni ingxaki anayo umntu A kwesi sifundo usikhankanye ngasentla? (1)

1.2.8 Yintoni le afuna ukuyenza umntu A akuba efumene isisombululo sengxaki yakhe? (1)

1.2.9 Uzalana njani umxholo wesicatshulwa A nomxholo wesicatshulwa B? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, uze usishwankathele ngokweengongoma okanye ngokomhlathi. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo. (7)
- Sebenzisa izivakalisi eziphele leyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)
- Ubude bomthamo wesishwankathelo mabube ngama-70 amagama.
- Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

**YENZA OKUNGAPHEZULU**

Njengenkokheli yebandla elikhulayo, kufanele ndithathe izigqibo ngokuqesha nangokugxotha abantu. Njengokuba ndibhala, ndicinga ngamanqanaba amathathu abantu. Kukho abantu abarhuqa iinyawo, abenza isiqhelo nabagqwesayo. Abarhuqa iinyawo benza okuncinane, abenza ngokuqhela benza oko kulindelekileyo, abagqwesayo bona benza okungaphezulu kunoko kulindelekileyo. Ihlabathi lizele ngabantu abarhuqa iinyawo nabaqhelileyo kuwo onke amashishini nasemisebenzini. Sifanele sibe khona isizathu esenza ukuba ama-80% obutyebi behlabathi bube sezandleni zabantu abangaphantsi kwe-10%. Umntu ofuna ukuba ubomi bakhe buhambele phambili, ufanele ukuba enze isigqibo namhlanje azikhwebule kwiimbutho zabarhuqa iinyawo angene kwisikolo sabagqwesayo. Akukhathaliseki nokuba uyinkosikazi ehleli ekhaya okanye i-CEO yenkampani enkulu, ungangogqwesileyo.

Okokuqala, zityhale ngokwakho ungakhawulezi ukuzincoma. Xa ufuna ama-50% ukuze uphumelele, musa ukuzibekela ama-51%, jonga phaya kuma-90% okanye kuma-80%. Masithi ufanele ukuba sentlanganisweni ngentsimbi yesi-08:00 kusasa, wena fika ngeye-07:45 ukuzinika ixesha elaneleyo lokulungiselela intsimbi yesi-08:00. Emsebenzini musa ukuhamba kuqala kunomphathi wakho. Zama ukuwenza umsebenzi wakho nangaphezu kwamaxesha amisiweyo.

Okwesibini, ufanele uqonde ukuba zikho iindlela ezifikelelekayo zokwenza okwenzayo. Phambi kweMfazwe yeHlabathi yesiBini, iMelika yayivelisa ama-80% eempahla zehlabathi. Kwixesha nje elincinci emva kwemfazwe, amaJapan aqala ukuqhaqha izinto zombane ezazisuka eMelika ukuze afunde ukuba zisebenza njani, enze ezawo. Ekuqaleni iimveliso zabo zazisaziwa ngokungabikho semgangathweni, waze umntu othile waseMelika waya eJapan wabafundisa ukuphucula konke abakwenzayo. Namhlanje iimveliso zaseJapan zisemgangathweni.

Okwesithathu, yiba yincutshe kwinto oyenzayo. Umpheki makabe ngumpheki ophambili, umfundi abe ngumfundi ogqwesileyo, umntu olungisa iimoto, makaziqeqeshe ukuze abe yincutshe kuzo. Unako ukuwubiza ngokwakho umvuzo owufunayo xa usaziwa njengencutshe. Abantu bayanyanzeleka ukuba bakuhlawule.

Okokugqibela, yixabise imfundo nolwazi. Hlala uthe qoko. Indlela esiphila, esidlala, esisebenza nesiqhuba ngayo ishishini iyatshintsha yonke imihla. Into yokungaluhlaziyi rhoqo ulwazi lwakho ingenza ukuba wenze izinto ngendlela yakudala. Qongqotha ipokotho yakho ukuze uzalise ingqondo yakho, kuba ingqondo yakho iza kuyigcwalisa kungekudala ipokotho yakho.

[Sicatshulwe kwi-*BONA* kaMatshi 2011, iphepha lama-90 saza sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: ULWIMI**

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

# ISISULU SEENCWADI ZESIXHOSA!!!

## Khawuleza isisulu siyaphela!!!

Zonke zibhalwe ngoompondo-zihlanjiwe,
zentetho yesiXhosa

Evuka mva yeha-a-a!!!

**Nini?**

NgoMgqibelo wama-23 kuTshazimpuzi 2011

**Phi?**

KwaMfuna-lwazi

3 Silimela Street eCumakala

Amaxabiso ayafikeleleka kubantu bonke
*(Asukela kuma-R35,00–R45,00)*
*Xa uthenge isixa uziselwa mahala.*










*Nxibelelana nathi kwezi nombolo: 047 531 1962/072 590 2728*

3.1 Sizathu sini esibangela ukuba kubhalwe amagama asisihloko ngefonti enkulu kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.2 Siloba oluphi udidi lwabantu esi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.3 Cacisa intsingiselo equlethwe ligama 'oompondo-zihlanjiwe' ngokwesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.4 Xa kusithiwa, 'Evuka mva yeha-a-a!!!' kuthethwa ukuba:

A Ofike mva wozifumana zonke.
B Ofike mva wofumana isaphulelo.
C Ofike mva uya kuphoswa. (1)

3.5 Ukuba ibinguwe onelishishini ubunokuthengisa ezi ncwadi na? Xhasa impendulo yakho. (1)

3.6 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwemifanekiso kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.7 Chonga ibinzana elibonisa ukuba ezi ncwadi azibizi kakhulu ngokwexabiso. (1)

3.8 Yintoni injongo yokuba kubhalwe iinombolo zemfono-mfono kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.9 Bathenjiswa ntoni abantu abathenge isixa seencwadi kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)
**[10]**

## UMBUZO 4: IKHATHUNI




[Icatshulwe kwimagazini i-*Bona* kaOktobha 2008]

4.1 Nika isichasi segama 'bayizolo'. (1)

4.2 Sebenzisa isibizo 'inkomo' ukwakha iqhalo. (1)

4.3 Chonga eyona mpendulo echanekileyo kwezisezigweqeni kwisivakalisi esilandelayo.

UChiskop (ukholelwa/ukholwa) kakhulu kwinkcubeko yakhe. (1)

4.4 Ingaba ibinzana 'vala loo mlomo' liphuhlisa ntoni? (2)

4.5 Kwibhokisi F isivakalisi esithi 'angathini ukufuna umxhelel' inkomo, engazange akushiye nkqu nenkukhu le?' sityhila ntoni malunga nendlela uShoti azibona ngayo izithethe namasiko. (1)

4.6 Ucinga ukuba aba bantu baphila kweliphi ixesha? Xhasa impendulo yakho ngokwakwibhokisi A. (2)

4.7 Ingaba inkangeleko yobuso bomntu ongasekhohlo kwabanye nongenanwele entloko kwibhokisi F iphuhlisa ntoni? (1)

4.8 Isibini kwibhokisi G siyaleqana kuba:

A Singavisisani ngomcimbi esithetha ngawo.
B Sisiya kudlala ibhola yabo.
C Sikugqatso lweembaleki. (1)

**[10]**

**UMBUZO 5: ISICATSHULWA**

Funda esi sicatshulwa, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Umntu xa uthe wamenza into embi akayilibali de aye kwelabafileyo. Uthi nokuba sele ukwelemimoya wena, xa ebona unyana okanye intombi yakho kuthi qatha nto engqondweni yakhe. Womva ngamanye amaxesha lowo wenziwa into embi esithi, 'Kwedini, into endakha ndayenziwa nguyihlo imbi kakhulu, andisayi kuze ndiyilibale.' Oku kukwayinyani naxa wakha wakwenzela into entle akayilibali.

Omnye umntu ngenxa yento entle awakha wayenzelwa nguyihlo nokuba sewafa, ude afune ukuba obo bulungisa abubuyekeze kumntwana wakho. Uthi ukuba unesisusa ubone ugidelwa ngemazinyo asibhozo inkabi yegusha kusithiwa, 'Ndikhumbula imisebenzi kayihlo, mfo kaNantsi.' Kuthi ngenxa yokwanda kwenkohlakalo eluntwini, ufumanise ukuba uninzi luyazilibala izinto ezintle luqaqambise ezimbi ezinkumbulweni.

[Sicatshulwe kwincwadi *IMITHA YELANGA*, WK Thamsanqa, iphepha 75]

5.1 Igama 'kwelabafileyo' kwesi sivakalisi singezantsi lisetyenziselwe ukubonisa ntoni?

Myeke de aye <u>kwelabafileyo.</u> (1)

5.2 Msebenzi mni owenziwa sisiphawuli esikrwelelwe umgca ngaphantsi kweli binzana lilandelayo?

... wenziwa into <u>embi</u> ... (1)

5.3 Isifanekisozwi u-qatha sisetyenziswe njani kwesi sivakalisi singezantsi?

Ivele yathi <u>qatha</u> engqondweni into awayenziwa nguyise. (1)

5.4 Funda esi sivakalisi sifutshane uze unike imo elandulayo yesenzi esikrwelelweyo.

Ndikhumbuze hleze <u>ndiyilibale</u> loo mini. (1)

5.5 Chonga isiphene kwesi sivakalisi silandelayo usilungise.

Uninzi liyazilibala izinto ezintle zabantu. (1)

5.6 Nika igama elisisithethantonye kwigama elikrwelelwe umgca kwisivakalisi esilandelayo.

nokuba sele ukwelemimoya ... (1)

5.7 Isenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi ukubuyekeza kwisivakalisi esingezantsi sinika yiphi intsingiselo?

Ufuna ukubuyekeza obo bulungisa kumntwana wakhe. (1)

5.8 Ingaba isenzela kwisivakalisi esilandelayo sinika ntsingiseloni?

Indoda igidela enye ngenkabi yegusha. (1)

5.9 U-kayihlo okwisivakalisi esingezantsi usetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni?

Ndikhumbula imisebenzi kayihlo. (1)

5.10 Ingaba isakhi u-ngu- osetyenziswe kwisivakalisi esilandelayo ubonisa:

... into endakha ndayenziwa nguyihlo imbi kakhulu.

A Ukuba usisakhi sibaluli
B Ukuba sisakhi sibanjalo
C Ukuba sisakhi sotyumbo (1)

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**